

UNaka noNala basendaweni eyomileyo, bahleli phantsi komthi.

UNala uva isandi esenziwa ngamagqabi njengoko kubhudla umoya.



UNala ubuza esithi, “Mamela Naka. Uyaweva amagqabi?”

UNaka uphendula athi, “Ewe, ndiyaweva amagqabi kunjalo ndiyawabona eshukuma.”



UNaka uyabuza esithi, “Uyakhumbula ukuba yintoni eyenza amagqabi ashukume?”

UNala uphendula athi, “Kuxa umoya ubhudla.”

“Ndicinga ukuba ngumoya,” utsho uNaka.



UNala uthi, “Umoya ukho kuyo yonke indawo, kodwa asiwuboni.”

UNaka uyamphazamisa aze athi, “Kodwa siyawabona ibe siyaweva amagqabi xa eshukuma!”



UNala uqhubeka esithi, “Asiwuboni umoya, kodwa siyazibona izinto ezenzekayo xa ukhona. Kuthiwa ngumoya obhudlayo.”

UNaka uyabuza esithi, “Umoya obhudlayo uyafana nomoya nje?



UNala uyancuma aze athi, “Ewe.”

Wongeza athi, “Umoya ubamba namatshontsi amancinci amanzi emafini. Xa la mathontsi eqalisa ukusinda, ayawa, kutsho kubekho imvula.”



UNala uthi, “Yiba nombono wethu sisenyukela esibhakabhakeni sikhwele ibhaloni enomoya oshushu. Le bhaloni ifana nethontsi lamanzi, umoya uyayibamba ukuze ihlale iphezulu.”



UNaka uthi, “Enye into siyawuphefumla umoya.

UNala uthi, “Ewe, zonke izilwanyana zidinga umoya ukuze ziphile.”

UNaka uyavuma aze athi, “Sonke sidinga umoya ococekileyo.”



“Asiwuboni umoya, kodwa wenziwe ngantoni?” uNaka uyabuza.

UNala uyaphendula esithi, “Umoya ngumxube weegesi namasuntswana othuli.”



UNala uthi, “Umhlaba ujikelezwe ngumoya.”

“Umoya usingqonge sonke. Umoya osemhlabeni uqala apha uyokutsho emajukujukwini,” utsho esolula iingalo zakhe.

## Imibuzo

1. Eli bali lithetha ngobani?
2. Baphi?
3. Ngubani odinga umoya ukuze aphile?
4. Wenziwe ngantoni umoya?
5. Uphi umoya?
6. Kutheni kubakho imvula nje?
7. Kuthiwa uyintoni umoya obhudlayo?
8. Khangela ibali elithetha ngomoya obhudlayo.
9. Kuthiwa yintoni umoya ococekileyo?